

Clinical Coordinating Center
Massachusetts General Hospital
55 Fruit Street, 5LON207
Boston, MA 02114

Data Coordinating Center
Massachusetts General Hospital
165 Cambridge Street Suite 400
Boston, MA 02114

Pitavastatin Ukuthintela Isifo Sentliziyo Kubantu Abane-HIV

[Ipapashwe ngo NEJM, 2023](#)

Intshayelelo

Umngcipheko wesifo sentliziyo uphezulu kubantu abane-HIV (people with HIV, PWH), kuquka nakubantu abasebatsha abanomngcipheko osezantsi wesifo sentliziyo oqikelelwayo. Abaphandi abakuqondi ngokupheleleyo ukuba kutheni lo mngcipheko uphezulu, kodwa bakholelwa ukuba ukwanxulumene nemeko eqhelekileyo ebangela isifo sentliziyo, njengokutshaya, nezo zinxulumene ne-HIV, njengokudumba. Nangona ukuba ne-HIV kuye kwagqalwa njengokwandisa umngcipheko wesifo sentliziyo, ukuza kuthi ga ngoku akukabikho nyango lungqiniweyo lokuthintela isifo sentliziyo kwi-PWH.

Iinjongo Zophononongo

Ulingo Olukhetha Ngebhaqo ukuze Luthintele Iziganeko Zentliziyo kubantu abane-HIV (Randomized Trial to Prevent Vascular Events in HIV, REPRIEVE) ulingo lwenzelwa ukujongana nomngcipheko owandayo wesifo sentliziyo esifunyanwa yi-PWH. REPRIEVE ivavanyiwe pitavastatin calcium (“pitavastatin”), iyeza le-statin elinokunciphisa ikholesterol ye-LDL (“embi”) kuze kunciphise ukudumba emzimbeni. Abathathi nxaxheba kuphononongo abazii-PWH eziphakathi kweminyaka eyi-40-75 ababenomngcipheko wesiqhelo ophantsi ukuya kophakathi wesifo sentliziyo. Bonke abathathi nxaxheba baye babelwa ngokungacwangciswanga ukuthatha i-pitavastatin okanye usingayeza (ipilisi engenayeza). Emva koko abathathi nxaxheba baye balandelelwa ukuba baye banaso na isiganeko esiyintloko (izehlo zesifo sentliziyo eziphambili, njengokusweleka ngenxa yesifo sentliziyo, ukuhlaselwa yintliziyo nokufa icala) okanye nasiphi na isiganeko sesibini (ezinye izehlo zesifo sentliziyo, ukusweleka ngenxa yaso nasiphi na isizathu, kunye nezehlo zokhuseleko).

➤ Abathathi nxaxheba:

- Abathathi-nxaxheba abayi-7,769
 - Abayi-3,888 bathatha i-pitavastatin; abayi-3,881 bathatha usingayeza
 - Ayi-2,419 (31%) amabhinqa
 - Bayi-5,065 (65%) abangengabo abamhlophe
- Ixesha eliphakathi lokulandelela: iminyaka eyi-5.1
- Ubudala obuphakathi ekubhaliseni: iminyaka eyi-50

➤ Iziphumo:

- Izinga lezehlo zeziganeko eziphambili zesifo sentliziyo liye lehla nge-35% kubathathi-nxaxheba abathatha i-pitavastatin xa kuthelekiswa nosingayeza.
- Izinga lezehlo zeziganeko eziphambili zesifo sentliziyo okanye zokusweleka ngenxa yawo yawuphi unobangela liye lehla nge-21% kubathathi-nxaxheba abathatha i-pitavastatin xa kuthelekiswa nosingayeza.
- Pitavastatin iye yasebenza kumadoda nakumabhinqa.
- Pitavastatin iye yanyanyezelwa kakuhle ngabathathi-nxaxheba abaninzi kulingo, kwaye bambalwa kakhulu abathathi-nxaxheba abaye baluyeka uphononongo ngaphambi kwexesha ngenxa yeziganeko ezimandla.

REPRIEVE Uvavanyo lweWebhusayithi: reprivetrials.org

ziphumo ezabelwana ngazo kwesi sishwankathelo zivela kwi-REPRIEVE yabemi kwindawo ethile ngexesha. Ezi ziphumo zichazwe kwaye azijoliswanga ukutshintsha ukhathalelo lweklinikhi. Ukuba unemibuzo malunga nento oyifundileyo, nceda uthethe namalungu eqela lophononongo lwe-REPRIEVE kwindawo yakho yengingqi okanye umboneleli wezempilo.



MASSACHUSETTS
GENERAL HOSPITAL

Clinical Coordinating Center
Massachusetts General Hospital
55 Fruit Street, 5LON207
Boston, MA 02114

Data Coordinating Center
Massachusetts General Hospital
165 Cambridge Street Suite 400
Boston, MA 02114

Xa Sishwankathela: Pitavastatin iye yasebenza ekwehliseni izinga leziganeko zesifo sentliziyo kwi-PWH kumngcipheko wesiqhelo ophantsi ukuya kophakathi wesifo sentliziyo. REPRIEVE lulingo lokuqala olukhulu lokuvavanya isicwangciso qhinga sokuthintela isifo sentliziyo kolu luntu. Iziphumo zolingo ziya kwazisa izikhokelo zokuthintela isifo sentliziyo kwaye ziya kunceda oonompilo baxhase ngcono iimfuno zempilo yentliziyo kwii-PWH.

REPRIEVE Uvavanyo lweWebhusayithi: reprivetrial.org

ziphumo ezabelwana ngazo kwesi sishwankathelo zivela kwi-REPRIEVE yabemi kwindawo ethile ngexesha. Ezi ziphumo zichazwe kwaye azijoliswanga ukutshintsha ukhathalelo lwekliniki. Ukuba unemibuzo malunga nento oyifundileyo, nceda uthethe namalungu eqela lophononongo lwe-REPRIEVE kwindawo yakho yengingqi okanye umboneleli wezempilo.